Isalathiso: 20210721-4519
Inombolo yefayili: 12/17/11
Imibuzo: A van Vuuren

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0005/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko,kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakooTitshala bezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: Isicelo sokuba makungenwe kwisistim ekwikhompyutha i-*Spreadsheet webinar series*

1. ICandelo le-*eLearning* liya kuqhuba isistim ekwikhompyutha eyi-*webinar series* egxile kwiingcaciso-zinkcukacha ezizii-*spreadsheets* nakulawulo ngobuchule nokuzotywa ngemifanekiso kwedatha.

2. Njengenxalenye yesibonelelo seCandelo le-*eLearning* sokuphucula izakhono zomsebenzi, izihloko ezitsha ngokusetyenziswa kweengcaciso-zinkcukacha ezizii-*spreadsheets* kwimeko yezemfundo ziya kufumaneka. Iingcaciso-zinkcukacha ezikwi-*Spreadsheet webinar series* zinenjongo:
   - yokugxila kulawulo ngobuchule nasekuzotyweni ngemifanekiso kwedatha ukunika inkxaso ekuthatheni izigqibo ezisekelwe kwidatha (*data driven decision*) nokwenziwa ngoomatshini kwemisebenzi yemihla ngemihla (*automation of daily tasks*) kwimeko yezemfundo;
   - yokubonelela ngeziphumo zokufunda zeengcaciso-zinkcukacha zee-*spreadsheets* eziquka iziveliso ze-*Microsoft Excel* nee-*Google Sheets*;
   - yokubonelela ngeendlela zokulandelela uphuculo lwezakhono (*developmental tracks)* ezimbini ukuncedisana nabasebenzisi bekhompyutha abasaqalayo/ abakwisigaba esiphakathi/nabanamava, kunye
   - nasekunikeni inkxaso kootitshala, kubaphathi, nakubasebenzi bolawulo abasesikolweni nakubasebenzi benkonzo karhulumente abasezi-ofisini.

3. Abathathi-nxaxheba ekujoliswe kubo yisistim ekwikhompyutha i-*Spreadsheet webinar series* ngaba balandelayo:
   - Ziinqununu, amasekela nqununu namalungu eKomiti yaBaphathi beZikolo abanomnqweno wokuqonda iinkqubo zolawulo lwedatha ngedijithali;
   - Ngamagosa anika inkxaso eThekhinoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (*Information and Communication Technology*) (*ICT*) nabaququzeleli be-*ICT* ezikolweni ukunika inkxaso ekusebenziseni idijithali nokusetyenziswa kwekhompyutha kusetyenziswa iingcaciso-zinkcukacha ii-*spreadsheets*; kunye
   - nabo bonke ootitshala abanomdla ekusebenziseni idijithali nakulawulo lwentsusa lwemisebenzi yolawulo lwedatha kusetyenziswa iingcaciso-zinkcukacha ii-*spreadsheets*.

4. Le program yakhiwe ngale ndlela ilandelayo:
   - Kufumaneka iindlela zokulandelela uphuculo lwezakhono (*developmental tracks*) ezimbini ziyafumaneka, inye inezihloko ezithathu.
   - Zonke izihloko zozithandathu zicaciswa ngesiNgesi njengenxalenye yasekuqaleni xa kuphunyezwa inkqubo.
   - Abathathi-nxaxheba banako ukuthatha isigqibo sokungena nakweyiphi na enye yeeseshoni, kodwa bafumane ulwazi ngokupheleleyo kwithuba lokufunda, kukhuthazwa ukuba kungenwe kwindlela yokulandelela uphuculo lwezakhono ngokupheleleyo okanye kungenwe kuzo zombini iindlela zokulandelela uphuhliso lwezakhono.
   - Izihloko ziya kuphindwa kube oko kuvumela abathathi-nxaxheba ukuba bakhethe umhla obafaneleyo.
   - Isistim ekwikhompyutha i-*Spreadsheet webinar series* iya kuqalisa ukusetyenziswa njengenxalenye yenkqubo yeCandelo loPhuhliso lweZakhono zooTitshala *ze-eLearning* (*Directorate eLearning Teacher Professional Development*) (*DEL TPD*)).

5. Kuqhotyoshelwe apha iziphumo neshedyuli yokuqala yesistim ekwikhompyutha i-*Spreadsheet webinar series*. (Makujongwe isiHlomelo A). Ilinki yokubhalisa yazo zonke iiseshoni imi ngolu hlobo lilandelayo:
   ILinki yokuBhalisa**:** https://bit.ly/Spreadsheet-series-preregistration.

6. Ukufumana ingcaciso engaphezulu unokuqhagamshelana nekomiti yezeeNgcebiso yesithili. (Makujongwe isiHlomelo B)

7. Kucelwa iinqununu ukuba zibhalise yaye zabelane ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane ootitshala nabathathi-nxaxheba abachaphazelekayo. Ixatyisiwe yaye ithakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu malunga nalo mba.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-07-22